

INKCAZELO NGEZIPHUMO EBEZINGALINDELEKANGA ZEYEZA LOKUGONYA LE-COVID-19

Onke amayeza okugonya aneziphumo ebezingalindelekanga anokuba nazo. Iyeza lokugonya le-Covid-19 nalo alohlukanga.

Naku ekufanele ukwazi malunga neziphumo ebezingalindelekanga zeyeza lokugonya.

Iziphumo ebezingalindelekanga ezingakho ezivela kwiyeza lokugonya zithatha nje iintsuku ezimbalwa kwaye amaxesha amaninzi zithetha ukuba iyeza lokugonya lisebenza ngale ndlela limele lisebenze ngayo ngokuvuselela ukusabela kwamajoni akho omzimba.



Ezona zixhaphakileyo zezi:



Ukuqaqamba kulo ndawo litofwe kuyo iyeza lokugonya



Ukudinwa



Intloko ebuhlungu



Ukuqaqamba kwezihlunu



Ukugodola

Iimpawu ezingaxhaphakanga kakhulu sisicaphucaphu, ukudumba, ukuqaqamba kwamalungu, ifiva kunye nokuba bomvu kwesikhumba.

Ngelixa ezi mpawu zinokubangela ukungaphatheki kakuhle okuthile, ukuba nokugula kwe-Covid-19 okuxhalabisayo ngowona mngcipheko mkhulu kwimpilo yakho.



Ukuba iimpawu zakho zinzima, okanye zihlala ixesha elide kuneveki, xela ngokukhawuleza kwindawo yokugonya.

Sikhetha isitofu soku gonya #WeChooseVacciNation.

Kunye singa yoyisa i-COVID-19

#MakingMiningMatter

#BeatCovid.

